Uze umkhumbule ke uMdali wakho ngemihla yobutsha bakho, ingekafiki imihla yobubi, ingekafiki iminyaka owothi ngayo, Ayindiyolele;

INTSHUMAYELI 12:1



...kuba ukuyila kwentliziyo yomntu kubi kwasebutsheni bakhe.... Genesis 8:21

Ukuba bathe beva, bamkhonza, Boyigqiba imihla yabo ekulungeni, Neminyaka yabo ebumnandini. Ukuba bathe abeva, bobhubha likrele, bafe bengenakwazi. Ke abaziintshembenxa ngentliziyo babamba umsindo; Abazibiki xa abakhonkxayo. Ufe ke ebuncinaneni umphefumlo wabo, Nobomi babo bube bobeng'awu. Yobhi 36:11-14

Ngokuba ulithemba lam, Nkosi yam Yehova, Inkoloseko yam kwasebuncinaneni bam. Ndixhaswe nguwe kwasesizalweni, Nguwe owandikhupha ezibilinini zikama; Indumiso yam iphuma kuwe ngamaxesha onke. INdumiso 71:5-6

Ndiya kuhamba ndinamandla eNkosi uYehova; Ndiya kukhankanya ubulungisa bakho, bakho wedwa. Thixo, undifundisile kwasebuncinaneni bam; Unangoku ndiyayixela imisebenzi yakho ebalulekileyo. Thixo, musa ukundishiya kude kuye ebuxhegweni nasezimvini; Ndide ndiwabonise amandla akho kwesi sizukulwana, Nobugorha bakho kubo bonke abaza kuza. INdumiso 71:16-18

Umfana uya kuwuqaqambisa ngantoni na umendo wakhe? Ngokuzigcina ngokwelizwi lakho. INdumiso 119:9

Vuya, ndodana, ebutsheni bakho; ikuchwayithise intliziyo yakho ngemihla yobudodana bakho, uhambe ngeendlela zentliziyo yakho, nangokukhangela kwamehlo akho; kodwa yazi ukuba ngenxa yezo zinto zonke uThixo uya kukusa ematyaleni. Yisuse ke ingqumbo entliziyweni yakho, ubudlulise ububi enyameni yakho; ngokuba ubutsha nobutsha bungamampunge. INtshumayeli 11:9-10

Akwazi na? akuvanga na, ukuba uThixo ongunaphakade nguYehova, tyhafi, akadinwa? ayinakugocwagocwa ingqondo yakhe. Umnika otyhafileyo amandla; Uyongeza ukuqina kwabangenakomelela. Namadodana angatyhafa adinwe, nabafana bakhubeke bawe; ke bona abathembele kuYehova baya kuhlaziyeka emandleni; baya kunyuka ngamaphiko njengeenkozi; baya kugidima bangadinwa; bahambe, bangatyhafi. Isaya 40:28-31

Kwaza kwaziswa kuye abantwana, ukuze abeke izandla phezu kwabo, athandaze; basuka abafundi babakhalimela. Wathi ke uYesu, Bayekeni abantwana, ningabaleli ukuza kum; kuba ubukumkani bamazulu bobabo banjalo. Wazibeka izandla phezu kwabo, wemka apho. Kwabonakala kusiza othile, wathi kuye, Mfundisi ulungileyo, yiyiphi na into elungileyo endingenza yona, ukuze ndibe nabo ubomi? Uthe ke yena kuye, Yini na ukuba uthi ndilungile? Akukho ulungileyo, mnye kwaphela, nguThixo. Ukuba ke uthanda ukungena ebomini, yigcine imithetho. Athi kuye, Yiphi na? Wathi ke uYesu, Uze ungabulali, uze ungakrexezi, uze ungebi, uze ungangqini buxoki, beka uyihlo nonyoko; nawo lo: uze umthande ummelwane wakho njengoko uzithanda ngako. Ithi kuye indodana leyo, Zonke ezo zinto ndazigcina kwasebuncinaneni bam; ndisaswele ntoni na? Wathi uYesu kuyo, Ukuba unga ungafezeka, hamba uye kuthengisa ngeempahla zakho, uphe amahlwempu, woba nobutyebi emazulwini; uze ke undilandele. Ilivile ke indodana ilizwi elo, yemka ibuhlungu; kuba ibinemfuyo eninzi. Mateyu 19:13-22

Nina bantwana, baveni abazali benu ngokwabaseNkosini; kuba oko kububulungisa. Beka uyihlo nonyoko; wona lowo ngumthetho wokuqala onedinga; ukuze kulunge kuwe, ube nexesha elide emhlabeni. Efese 6:1-3

Makungabikho namnye ubudelayo ubuncinane bakho; suka ube ngumzekelo wabakholwayo ngentetho, ngehambo, ngothando, ngokholo, ngobunyulu. Eyoku-1 kuTimoti 4:12

Ke zibaleke iinkanuko zobutsha; phuthuma ubulungisa, ukholo, uthando, uxolo nabo bayinqulayo iNkosi ngokwasentliziyweni ehlambulukileyo. eyesi-2 kuTimoti 2:22

Ubulumko buphuma kwelinye icala, buye kwelinye, bubabalise; Bendimthanda, ndamfuna kwasebuncinaneni bam; Ubulumko bukaSolomon 8:1-2

Nyana wam, hlanganisa uqeqesho kwasebuncinaneni bakho, Wobufumana ke ubulumko, use ebudaleni bakho. INtshumayeli 6:18

Gcoba umntwana wakho, wokhwankqisa, udlale ngaye, akufise. Musa ukuhleka naye, Hleze ube buhlungu kunye naye, Hleze utshixize amazinyo ekugqibeleni. Musa ukumnika inkululeko ebutsheni bakhe, Ungabubethi ngofefe ubutyhakala bakhe. Uze uyigobe intamo yakhe ebutsheni bakhe, umbethe emagxeni esebuncinaneni, hleze abe lukhuni, angàkuthobeli, ayihlisele ishwangusha intliziyo yakho. INtshumayeli 30:9-12